

Need an amazing tutor?

www.teachme2.com/matric



Collected and collated by

teachme2



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

2019

AMANQAKU: 100

IXESHA: liyure 2½

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

IMIYALELO NENGACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A: Isincoko (50)
 ICANDELO B: Umhlathi omde (30)
 ICANDELO C: Umhlathi omfutshane (20)

2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO ngaLINYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala iCANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele PHAMBI kokubhalwa kwetekisi nganye.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Ingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:
 ICANDELO A: Imizuzu engama-80
 ICANDELO B: Imizuzu engama-40
 ICANDELO C: Imizuzu engama-30
8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.
10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: ISINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibesiNINE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

- 1.1 Ndasindiswa yiselula-fowuni yam ngaloo mini. [50]
- 1.2 litshomi [50]
- 1.3 Akayiyo laa nto ibichaziwe. [50]
- 1.4 Ifilim eyatshintsha ubomi bam. [50]
- 1.5 Ukuthetha inyani kuyamkhulula umntu. [50]
- 1.6 Akuseyongxaki ukuhlala ezilalini. [50]
- 1.7 Khetha umfanekiso ubeMINE kule ingezantsi ubhale isincoko. Bhala inombolo yombuzo (1.7.1 okanye 1.7.2) uze usithiye isihloko esifanelekileyo isincoko sakho.

QAPHELA: Makubekho ukuzalana okucacileyo phakathi kwesincoko nomfanekiso owukhethileyo.

1.7.1



[Uthatyathwe ku: www.google.com/reckless-driving]

[50]

1.7.2



[Uthatyathwe ku: www.bankmellat.ir]

[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE**UMBUZO 2**

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabubengamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.

2.1 ILETA YOBUHLOBO

Bhalela umhlobo wakho umbalisele ngefilim obuyibukele.

[30]**2.2 I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-obhitshuwari yeqhawe elidlale indima yobunkokeli kwinkululeko yelizwe lakho.

[30]**2.3 IRIVYU**

Kwindawo ohlala kuyo kusandula ukwakhiwa udederhu lweevenkile (*mall*). Ubundwendwele esi sakhiwo.

Bhala irivyu yaso.

[30]**2.4 INGXOXO YABABINI**

UZazi noLizo baxoxa ngokubaluleka kwezifundo ze*Mathematics* ne*Mathematical Literacy*. UZazi ukhetha i*Mathematical Literacy* uLizo ukhetha i*Mathematics*.

Bhala le ngxoxo.

[30]**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE**UMBUZO 3**

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 umxholo kuphela.

3.1 ISIBHENGEZO-NTENGISO


Bhala isibhengezo-ntengiso semveliso oyithandayo.

[20]**3.2 IPOSIKHADI**

Thumela iposikhadi kumzala wakho ophesheya umxelele ngeqhalo olifundileyo nenkcazelo yalo nendlela elinokusetyenziswa ngayo.

[20]**3.3 IZALATHISI**

UseCity Station, ulinde umntu olundwendwe lwakho, mnike izalathisi ezibhaliweyo ezisukela eWest Yorkshire Playhouse ukuza kuwe.



[Ithathwe ku: www.googlemaps.com yahlelwa]

[20]

AMANQAKU ECANDELO C:
AMANQAKU EWONKE:

20
100